



Isiqalo esitsha



NguKedibone Tladi



“Cwenga, yintoni enye into oyenzileyo namhlanje?” Wakhwaza uTata ebuza. “Le nkwenkwe iza kundenza ndihlaselwe yintliziyo. Ndikruqukile yiyo ngoku.”



UCwenga wayeyinkwenkwe esileyo eneminyaka elishumi elinesine ubudala. Wayengaphulaphuli eziphethe kakubi. UTata wakhe wayengasazi ukuba makenze ntoni ngenxa yemikhuba yakhe.





Abahlali baseBhongweni babesele bekruqukile nabo yindlela uCwenga aziphethe ngayo. YayinguCwenga umhla nezolo. Ukuba akabi amaqanda neenkukhu wenza enye yayingekho nje into emdlulayo.





Wayenempembelelo embi kubahlobo bakhe. Wayesoloko ebezisa izinto ezimbi. Wayekwaxhaphaza abanye abantwana esihamba kakubi isikolo. Wayengumenzi nomqali wodushe.



Ngobunye ubusuku, ngelixa wonke umntu elele, wachwechwa waphuma kumnyango ongasemva. Wayelindwe ngamanye amakhwenkwe amathathu phantsi komthi.





UCwenga nala makhwenkwe bavula bophula uthango ebuhlanti. Loo nto yadala ingxolo nesiphithiphithi ebuhlanti. Babefuna ukuba ibhokhwe emhlophe bayithengise.



Amakhwenkwe angqala kule bhokhwe imhlophe. Ibhokhwe yabalekela emva ebuhlanti. Amakhwenkwe aqonda ngqo kuyo ezama ukuyibamba. Atyibilika awa kodwa awaphela mandla, athathisa kwakhona.





Njengoko isango lobuhlanti lalophukile, iibhokhwe zawagila amakhwenkwe zatsibela ngaphandle. Zaqabadula ukuya kumasimi ombona wabamelwane. Yaba yintlekele yodwa emasimini.



Amakhwenkwe azama ukuzinqanda
iibhokhwe awaphumelela. Ade abanakho
ukuyibamba le bhokhwe imhlophe ayifihla.
Ayifihla kwimoto endala ukuze ingakwazi
ukubaleka.





Wavuka uTata kaCwenga ubuhlanti bukhala ibhungane. Wema ecaleni kothango waqaphela lophukile. Wasuka wadana kakhulu esazi kakuhle ukuba ngubani oyena nobangela walo mbhodamo.




UCwenga wazisola akubona ukudana kuka uTata wakhe. Wayezisola kuba emphoxile wacela uxolo. Wahamba waya kulanda ibhokhwe emhlophe. Wathembisa ngokulungisa umonakalo awenzileyo.





Amanye amakhwenkwe aqala ngokulungisa uthango olwalophukile. Ahamba aya kukhangela ezinye iibhokhwe entabeni. Azifumana iibhokhwe aziqhubela ekhaya.



Afika ekhaya la makhwenkwe aziqhubela
ebuhlanti azivalela iibhokhwe.



UCwenga wayesazi ukuba kufuneka azigwangcisele ukuba abe nesiqalo esitsha. Wayefuna ukulungisa indlela aziphethe ngayo elalini. Yayimhlupha into yokubona abantu bengamthandi. Waba nombono omhle wokuqokelela olunye ulutsha elalini.



Wachaza umbono wakhe wokuqala iqela elizakucoca ilali. Wayefuna baqale neprojekthi yesitiya semifuno. Babezakuthi xa imifuno ivuthiwe bayinike amahlwempu namakhaya eenkedama.






Abahlali yabonwabisa lento bamncedisa ngokumnika nezinye izixhobo zokusebenza bemkhuthaza. Kwasekwa namaqela oncedo, ulutsha luncedisa kumakhaya agcina abantu abadala.



UCwenga wachitha ixesha lakhe elininzi nolutsha ekwalukhuthaza ukuba luziphathe kakuhle. Ekupheleni konyaka, kwilali yaseBhongweni uCwenga wafumana iwonga lokuba yeyona nkokheli yolutsha iphambili.





UCwenga nabantu belali yaseBhongweni babonwabile ngeli wonga nendlela yakhe yokuziphatha etshintshileyo. Ekugqibeleni uCwenga waba ngumzekelo omhle kulo lonke ulutsha lwelali yaseBhongweni.



Ezi projekthi zaqalwa nguCwenga eBhongweni zisaqhuba nanamhlanje. Njengoko ulutsha lukhula luze luhambe, kuye kubekho abo bakhulayo nabathi bangene ezinyaweni zabo. Ezi projekthi zaba yintsika yelali yaseBhongweni.

